lindaba ezilungileyo zikaKristu zingamandla kaThixo okusindisa bonke abakholwayo.
Roma 1:16

# U VULINDLELA

Yoyikani lowo abe negunya lokuphosa esihogweni.
U-Luka 12:5

XHOSA – "Not fables but power"

# AYIZONTSOMI KODWA NGAMANDLA

**AMANDLA OKUSINDISA.** "Kuba sithe singalandelanga zintsomi zabuqhinga, sanazisa **amandla** nokufika kweNkosi yethu uYesu Krestu, sithe saba ngababoneli bobungangamsha bakhe. (2 Petros 1:16). Abanye abantu bathanda ukuba sikholwe ukuthi ibayibile ineentsomi, amabali ezinto zobuxoki ezingekhoyo, bacinga ukuba kulapho abantu babonisa khona ubugcisa babo bokwenza amabali. Kanti uPetros umpostile, usixelela **ngamandla** okuza kukaYesu Krestu, abambonayo entabeni ngesinye isimo, babona ubungangamsha bakhe nobuqaqawuli bakhe, baze beva ilizwi liphuma elifini lisithi. "Lo nguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye." (Mateyu 3:17).

UPawulos umpostile usixelela ukuba akanazo iintloni ngazo iindaba ezilungileyo zikaKrestu, kuba zingamandla kaTixo okusindisa bonke abakholwayo umYuda kwa nomGrike. (AbaseRoma 1:16). UKrestu weza kusindisa aboni. Akukho namnye ombi kangangokuba angabi nakho ukusindiswa kananjalo akukho namnye ulunge kangangokuba kungabikho mfuneko yokuba asindiswe. "Ngoko unakho ukubasindisa kanye aabo bezayo ngaye kuTixo. (KumaHebere 7:25). Unamandla okusindisa umntu



**INXANGXASI KA MALETSUNYANE (Lesotho)**

**Kulendawo kulapho uMasoabi, ingqonyela, inkintsela yegqira lesiNtu walahla khona onke amayeza akhe, amathambo akhe nako konke awayekusebenzisa malunga nobugqi bakhe bokunyanga. Zonke ezozinto wazilahla akuba efumene uYesu, efumene ubomi obutsha kuye.**

owoyiswa butywala ekungelula kuye ukuba abuyeke, usindisa, isigebenga, isela, ixoki ngokufanayo. Xa wayesemnqamle: zweni wasindisa umntu owayebulele omnye. Wasindisa ihenyukazi laseSamariaya. Wasindisa igeza laseGadala elalineendimoni ezininzi. Walukhalimela ulwandle wasindisa u Petros akatshona. Uyabasindisa abantu abangena icawe abafana noPawulos ukuze bakholwe kuye kanye banganeliswa kukungena icawe nje kuphela.

Apha e Afrika usindise izigidi zabantu. Abanye abantu yayingamanxila angenakho ukuzinceda, abanye ngabafazi namadoda anemikhwa emibi abangakwaziyo ukuyigcina imizimba yabo. Amagqira amaninzi abantu abamnyama asebenzisa amathambo uwasindisile, yayingabantu abadume kakhulu. Kwakukho omnye ogama lalinguMaswabi, owayedume kakhulu ngeemini zakhe kuba wayesenza izinto izibonwayo. Wayekwazi ukwenza "uTikoloshe." Wayesithi unakho nokunisa imvula. Kuyo yonke lonto, wayelinxila ethanda nabafazi. Ngenye imini weva kushunyayelwa iindaba ezilungileyo, wabona uTixo ephilisa abantu abagulayo nabazingxwelera ngaphandle kokusebenzisa iyeza,

wasindiswa naye ngaloomini. Wabuyela ekhaya ezintabeni zaseLusuthu. Wafika waqokelela onke amayeza akhe namathambo akhe nako konke abesebenza ngako ukunyanga abantu waya kuzilahla encotsheni yeliwa eliphakeme kakhulu, zaya kuwela ezantsi apho kungekho mntu unakho ukuya khona, ezantsi zathatyathwa ngumlambo. Walitshisa lonke icuba lakhe kunye nentsango ebekade eyitshaya. Wachitha utywala obabukho apha ekhaya kuba kaloku wayesela, kodwa ukusuka kuloomini wazimisela ukuba akasoze aphinde asele tywala atshaye cuba nantsango. Waguquka waba ngumKrestu wenene, waziwa ngabo bonke abantu ukuba uyindoda ethembekileyo kaTixo. Kwakungekho mntu emhlabeni owayenakho ukuguqula ubomi balondoda nje ngokuba nanamhlanje kunjalo kungekho mntu unakho ukuguqula isimo somntu, nguKrestu kuphela onakho.

Kukwakho omnye umfana endimaziyo obe sisihange okanye itsotsi. Wayeziphilisa ngobusela, enamaqhinga ekhuthuza abantu kuzo zonke iindawo ahamba kuzo. Inxenye yobomi bakhe uyidle entolongweni. Amandla evangeli amsindisile kodwa lomntu, waguquka naye wangumntu omtsha kuKrestu waba ngumshumayeli omkhulu wevangeli. Ngenxa yentshumayelo yakhe amakhulu ezihange, amasela, amanxila, nezigwinta zisindisiwe, akusindiswanga bona bodwa, izityebi namahlwempu, abantu abamnyama nabamhlophe basindisiwe.

Loomandla asindise ababantu ndise ndibabalile andisindisa nam, ndineminyaka ephantsa ukuba ngamashumi amahlanu ndisindisiwe, kwaye kananjalo asandigcinile. Asindise abanakwethu noodade wethu. Asindise uMa wam endimthandayo. Nawe aya kukusindisa ngephanyazo leliso ukuba uvumela uYesu ukuba angene entliziyweni yakho. Ukuhamba icawe akuyi kukusindisa. Akuzange kundisindise, kodwa ndiyazi ukuba uYesu usindisa wonke umntu oza kuye. Yiyo ke le into eyamenza ukuba eze emhlabeni.

Kungazinyanga ezimbini ezidlulileyo xa sasihlala nomhlolokazi siyeva ukuthi umyeni wakhe engakabubi ubefana nje nomntu ohlala esihogweni iminyaka emashumi mabini esela utywala ephilisa usapho lwakhe kabuhlungu nakanzima. Noxa kwakunzima kangako babemthandazela wada uTixo wamsindisa wamkhulula kuzo zonke izono zakhe. Amandla evangeli akasindisi mntu mnye kuphela anakho ukusindisa indlu iphelele, nokuba yidolophi, nokuba sisixeko. Imvuselelo eyayikho eWales yasindisa izixeko ezininzi ezimeleneyo, ayabi saba kho nemfazwe ekwakubonakala ukuba izakuba kho. Intshumayelo elula kaYona yasindisa isixeko saseNineve asatshatyalaliswa nje ngokuba kwakufanele ukuba sitshatyalaliswe ngenxa yobubi babantu baso. UTixo unakho ukusindisa izizwe ezininzi ngexesha elinye. Wathi: **"Bekani kum** nisindiswe nonke ziphelo zehlabathi." (Isaya 45:22). Ibayibile izele bubungqina bamandla kaTixo okusindisa. Kungenxa yalonto yathi nje ingelosi kuYosefu phambi kokuba azalwe uYesu: "Umbize ngegama elinguYesu kuba yena eya **kubasindisa** abantu bakhe **ezonweni zabo."** ((Mateyu 1:21). (Uqondisise, kuthiwa **ezonweni zabo** hayi abasindise kwenye into kodwa bona behleli ezonweni).

**AMANDLA OKUPHILISA**

"NdinguYehova igqira lakho," watsho uTixo kuMoses. (Eksodus 15:26). UTixo walizalisekisa ilizwi lakhe elingasoze liguqulwe. Iminyaka emashumi-mane yayinguye igqira labo kubantu abayi 3,000,000 akukho namnye owayebuthathaka okanye egula. Babengahambi nagqira kwaye kwakungekho mayeza bawaphetheyo. Nasemva kokuba babelunywe ziinyoka babefanele ukuba bajonge kube kanye kwinyoka eyenziweyo ngokumthetho kaTixo baphile, (lonyoka yayingumfuziselo kaYesu) kodwa baphila, bahlala bephilile. Kwezintsuku siphila kuzo sele bebaninzi kakhulu abantu abanabo ubungqina bokuphiliswa yiNkosi uYesu Krestu. Indoda eyayineqhenqa yeza kuYesu yahlambuluka kwa ngoko. Iimfama zavuleka amehlo. Izimumu ezazizithulu zaqala ukuthetha nokuva. Iziqhwala zakwazi ukuhamba. Kanti nabafileyo bavuka emangcwabeni bevuswa ngamandla kaKrestu. Ukuba amandla okuphilisa ebengekho kwivangeli nasegameni likaKrestu, ezindaba ngezingabalwanga, ngoba nam ngokwam sendikhe ndagula kakhulu ndasinda macebetshu, ndasindiswa ngamandla elizwi lakhe. Okwenene uzithabathele phezu kwakhe izifo zethu, wathwala umva-ndedwa wethu, **siphiliswe ngemivumbo yakhe."**

Kwindumiso 103:2,3 sifunda ukuba, "Mbonge uYehova mphefumlo wam, uloxolela bonke ubugwenxa bakho, ulophilisa zonke izifo zakho." UYesu umphilisi akaphilisi umzimba kuphela, uphilisa nomoya ozele zizono. Uphilisa intliziyo eyaphukileyo, nomoya, Uthi uDavide, "Uyawubuyisa umphefumlo wam" Ndiyakubuyisela impilo kuwe ndikuphilise. UTixo owenza umntu ngothuli lomhlaba usenakho ukubuyisela impilo entle kuthi asigcine siphilile.

Andisoze ndimlibale unyana wenkosi ethile eLusuthu owawa ehashini waphuka umqolo. Wafa lomzimba ungezantsi ukususela esinqeni ukufika ezinzwaneni zakhe. Wayengakwazi ukushukumisa imilenze yakhe nazo iinzwane, wayelele ngomqolo esibedlela iminyaka emibini. Ngenxa yamandla evangeli wafumana uxolelo lwezono zakhe zonke wafumana nobomi obutsha kuKrestu. UTixo waphendula umthandazo waphila wonke umzimba wakhe ukholo lwakhe lwamenza ukuba eme, wabuya waba nakho ukukhwela ihashe lakhe.

Ukuphiliswa kukaMalihotetso intombi yenkosi eyayisisityebi kakhulu eLusuthu yashukumisa lonke ilizwe lakhona. Kwakuyiminyaka egula ingqondo yakhe ishenxile, ebotshwa ngamtyethanga. Oogqira abamhlophe nabamnyama boyisakala. UTixo wamkhulula emva kokuba etandazelwe ngomnye wezicaka zakhe ezithobekileyo. Andisoze ndimlibale unkosikazi u van Rooyen, wayengumfazi womlungu ophakame kakhulu eFreyistata. Wagula kakhulu emva kokuba afumane umntwana wakhe wokuqala. Kwisithuba seminyaka eyi 15 wasikwa ngokomthetho woogqira abamhlophe bezama

ukumnceda, amatyeli ayi 24. Noxa kunjalo akazange aphile, bancama bajonga nje boyisakele se kulindwe ukuba afe. Wayengasakwazi nokushukuma, engaboni waye engeva nangendlebe. Ibokisi yokumngcwaba yayise ithengiwe, ingcwaba lakhe se lembiwe, izizalwane zakhe se zixelelwe ukuba se kulindwe nje ukuba ahambe ke kuba ebonakalisa lonto. Kuthe kusenjalo uTixo wathumela omnye wabantwana bakhe ukuba athandazele lomntu, sathandaza isicaka sikaTixo umthandazo wokholo. Wathi esathandaza wathetha amazwi aku Marko 16:18, "Abo bakholiweyo baya kubeka izandla phezu kwemilwelwe **iphile.**" UTixo wamphilisa lomfazi ngokupheleleyo.

**AMANDLA EGAZI LIKA YESU**

Kungamandla egazi lika Yesu kuphela ukuze iintliziyo zethu zibe nakho ukuhlanjululwa esonweni. Akukho sephu okanye yeza nokuba yintoni enakho ukususa isono. Ukuba sithi asinasono siyazikhohlisa inyaniso ayikho kuthi. Ukuba siyazivuma izono zethu uTixo uthembekile ulungile ukuba asixolele izono zethu, nokuba asihlambulule kuko konke ukungalungisi. Igazi likaYesu Krestu, uNyana kaTixo lisihlambulula kuso sonke isono. (1 Yohane 1:7-10). Kwi Sityhilelo 7:9-17, sifunda ngabantu abaninzi ekungekho mntu unakho ukubabala, bazo zonke iintlanga, neelwimi abahlambe ingubo zabo bazenza mhlophe egazini lemVana.

U Petros noYohane basixelela ngamandla asindisayo asegazini likaYesu, akasihlambululi kwisono esisenzileyo kuphela, asikhulula ngokupheleleyo ukuba singabi phantsi kolawulo lwaso. UTixo wasithenga thina esithenga ngegazi loNyana wakhe. Siyazi ukuba asithengwanga ngesilvere negolide, kodwa ngegazi elinqabileyo likaKrestu, nje ngelemvana engenasiphako engenabala. (1 Petros 18:19). "Ngokuba wena wasithenga ukuba sibe ngabakaTixo ngalo igazi lakho siphuma kuzo zonke izizwe neelwimi nabantu, neentlanga, wasenza ookumkani nababingeleli kuye uTixo wethu." (Isityhilelo 5:6-9). Igazi likaYesu linamandla okusikhusela emandleni angendawo otshaba. Yayiligazi lemvana elalitshizwe emigubasini yezindlu zabo, elasindisa abantwana bakaSirayeli eYiputa ukuba bangabulawa ngulo wayebulala amazibulo. (Wathi uTixo, "ndolibona igazi ndigqithe kuni" (Eksodus 12:13). Yayililaphu elibomvu efestileni elahlangula uRahaba kunye nabo bonke abantu bakowabo xa yayisiwa iYeriko. (Yoshuwa 2:18-21). Ngokunjalo igazi likaYesu linamandla okukusindisa nawe nendlu yakho ukuba uyakholwa. "Kholwa kuyo iNkosi uYesu Krestu wosindiswa wena nendlu yakho." (Izeno 16:31).

Abantu abahlala emathafeni nasesithubeni nje apho kungekho mithi khona eLusuthu babeye babophelele amalaphu abomvu emisileni yamantshontsho eenkukhu. Ngalendlela babesindisa amantshontsho abo kukhetshe, besazi ukuba akasobe eze ukhetshe xa ebona lonto ibomvu. Siyafunda kwakhona kwiSityhilelo 12:11 ukuba amakholwa akudala kaTixo amoyisa uSathana ngamandla egazi lemVana. Lamazwi alandelayo eculo anyanisile xa athi:– Kukho amandla, amandla asebenza ummangaliso egazini lemVana. Kukho amandla, amandla asebenza ummangaliso egazini elinqabileyo lemVana.

**AMANDLA OMTHANDAZO**

Umthandazo womntu okholiweyo ongcwalisiweyo unamandla angenakho ukulinganiswa. Umthandazo uguqula izinto. UYesu wathi, cela uyakuphiwa. Indoda eyayineqhenqa ekwakungekho mntu unakho ukuyinceda yacela uYesu ukuba ayihlambulule, uYesu wakwenza oko. Kwa ngoko iqhenqa lasuka kuye. Imfama yakhala kuYesu nayo wayinceda yabona. Amadoda amane ayethwele enye eyayiphethwe lidumbe eyisiza kuYesu amcela ukuba ayiphilise, wayiphilisa. Kukho amandla anika ubomi namandla asindisayo emthandazweni ngaphezu kwazo zonke ibombo ezinamandla. Umthandazo awusindisi mntu nje kuphela kodwa uguqula izizwe.

U Eliya wayengumntu ofana nathi, kodwa wathandaza ukuba imvula ingani, yaza ayana iminyaka emithathu enesiqingatha. Waphinda wathandaza avuleka amazulu yehla imvula. Kwakhona wathandaza umthandazo olula kwehla umlilo uvela ezulwini watshisa umnikelo neenkuni, namatye, nothuli, wasusa namanzi. Sonke isizwe sakwaSirayeli sabuyela kuTixo ngenxa yomthandazo womntu omnye nje kuphela. Unkosi Hezekiya wathandaza kuTixo ebona utshaba lumhlasele. UTixo wawuphendula lomthandazo saza isithunywa sikaTixo sabetha abantu abayi 185,000 ababezokuhlasela uHezekiya. U Yesu wathandaza bade baguquka ubuso bakhe, nempahla yakhe yamhlophe yamenyezela. Wayethandaza ubusuku bonke. Wayezila ukutya ethandaza. Wathandaza esentlungwini, wathandaza kwada ukubila kwakhe kwangathi ngamathontsi egazi. Wasoyisa isono, inyama noSathana ngokuthandaza. Usixelele ukuba maze sithandaze singayeki.

**AMANDLA OKHOLO NOTHANDO**

U Yesu uthe ukuba sinokholo olulingana nokhozo lwemostade siyakususa iintaba zisuke. (Mateyu 17:20). Ayikho into enokusinqabela xa sikholwa kuTixo. Ngokholo beeyisa izikumkani, basebenza ubulungisa, bazuzana namadinga, bavingca imilomo yeengonyama, bacima amandla omlilo, basinda kwiintlangothi zekrele, boomelela bebeswele amandla, baba ngamagora emfazweni, bagxotha imikhosi yabasemzini (U Davide noGoliyathi). (Hebere 11:33-34). Ukholo luloyiso oloyisa ilizwe. (1 Johane 5:4).

Eluthandweni sibona awona mandla kaTixo ephelelisiwe. Uthando lunamandla nje ngokufa. Loyisa olona tshaba lunamandla. Sakubona ukuba sisengaboni uKrestu wasifela kanti sithe silutshaba lwakhe sabuyiselwa kuTixo ngokufa koNyana wakhe. (Roma 5:8-10). Yayingamandla othando la enza ukuba uTixo anike thina boni balusizi uNyana wakhe, ukuba athi nawuphina umntu okholwayo kuye angatshabalali koko abe nobomi obungunaphakade. (Yohane 3:16). Oluthando lukaTixo luyasibamba, lusinika amandla okuba simsebenzele, sibe nakho ukugcina imithetho yakhe, ukuthabatha umnqamlezo wethu yonke imihla simlandele. Lususa

lonke uloyiko. Akukho nto inokusahlukanisa nothando lukaTixo. Singaboyisa ngokupheleleyo ngaye lowo wasithandayo. Kuba nakufa, nabomi, nazithunywa zezulu, nazilawuli, naziphatha-mandla nanto zikhoyo, nanto zizayo, nabuphakamo, banunzulu, nasinye isidalwa esisimbi asiyi kuba nakho ukusahlula thina eluthandweni lukaTixo olukuye uKrestu Yesu.

## AMANDLA ATSALAYO

U Yesu unamandla atsalayo ukuba ubatsalela kuye bonke abantu. "Mna ke ukuba ndithe ndaphakanyiswa emhlabeni ndiyakubatsalela bonke kum". Watsho uYesu (U Yohane 12:32). U Yesu akasiqhubi sinoloyiko nje ngokuba usathana esenza, uYesu usitsala nje ngokuba umalusi olungileyo weegusha ezikhokela. "Nditsale, sogidima emva kwakho." (Ingoma yazo iingoma 1:4). Uyasitsala ukuze asisuse esonweni nasehlabathini ukuba simlandele siye emariweni aluhlaza nasemanzini angawokuphumla. Ngokuba iNkosi iyakuhla ngokwayo emazulwini inendanduluko, inelizwi lesiphatha-ziihtunywa, inexilongo likaTixo, baze abafele kuKrestu bavuke kuqala, sandule thina babudlayo ubomi basaseleyo sixwilelwe emafini kwa kunye nabo, siye kuyikhawulela iNkosi esibakabakeni, size ngokunjalo sihlale sihleli sindawo nye neNkosi. (1 Abase Tesalonika 4:13-18, 1 AbaseKorinte 15:51-58).

## AMANDLA OKUDALA

Phambi kokuba sivale ndivumele ndithethe ngamandla evangeli adalayo adala thina sibe zizidalwa ezintsha, sithi singaboni senziwe abangcwele. Kucaca ukuba unkosi Davide wayethetha ngalamandla xa wayesithi. Dala phakathi kwam Tixo intliziyo ehlambulukileyo, uhlaziye umoya oqinisekileyo phakathi kwam. (Indumiso 51:10). Emva kweemfazwe ezininzi azilwileyo elwela uTixo wazoyisa, ufumene into yokuba olona tshaba lunzima lungaphakathi kwakhe, yintliziyo yakhe engcolileyo, enenkohliso ngaphezu kwento zonke ekungekho mntu unokuyazi. (Yeremiya 17:9). U Yesu ngokwakhe wasixelela wathi, kuba ngaphakathi kuyo intliziyo yomntu kuphuma izicamango ezibi ookukrexeza, oomibulo, ookubulala, ookubawa, oobusela, okungendawo, inkohliso, ubureletyo, umona, ukunyelisa, ukukratsha, ukuswela kuqonda. (Marko 7:21-23).

UDavide waphawula ukuba yena ngokwakhe akanakho ukuguqula intliziyo yakhe ayenze ngcwele, ngenxa yoko wathandaza ngomoya othobekileyo, esiva isizela sokuba ngendalo unezono, wacela ukuba uTixo odale izulu nomhlaba adale intliziyo ehlambulukileyo ngaphakathi kwakhe, adale umoya omtsha ngaphakathi kwakhe uMoya oyingcwele. UTixo wawuphendula umthandazo wakhe, ngoba nasi isithembiso sakhe, "Ndoninika intliziyo entsha ndininike umoya omtsha ngaphakathi kwenu ndiyisuse intliziyo elilitye enyameni yenu, ndininike intliziyo eyinyama. Ndiyakuthindiyibeke imithetho yam engqondweni yabo, ndiyibale ezintlizi yweni zabo." (Kuma Hebere 8:10-11).

Zininzi izinto esingazithetha malunga nelizwi lakhe elikhawulezayo elinamandla elibukhali ngaphezu kwesabile elolwe macala omabini ngamandla ovuko lwakhe, nobukhulu bamandla akhe kuthi, thina bangakholwa kwiintsomi kodwa sithabatha oko kwenziwa ngamandla akhe awabonakalise ngoKrestu ekumvuseni kwakhe kwabafileyo waza wamhlalisa ngasekunene kwakhekwezasemazulwini iindawo, ngaphezu kwalo lonke ulawulo, negunya namandla nobukhosi (Abase Efese 1:15-21).

Wathi uYesu niyakwamkeliswa amandla akubona ukuba uMoya Oyingcwele uhlele phezu kwenu. Ngawo lomandla iYerusalem yashukuma yonke ngemini yePentekost. Loomandla asenjalo nanamhlanje, kuba isithembiso sikuni nakubantwana benu nabakude nabo bonke aabo babizwa yiNkosi (Izenzo 1:8, 2:32).

## AMANDLA EGAMENI LIKA YESU

Sinakho ukuthetha ngamandla amangalisayo asegameni likaYesu, ekuphela kwegama elinikwe abantu ukuba basindiswe ngalo. (Izenzo 4:12). Wathi uYesu, "Egameni lam baya kukhupha iidemon baya kuthetha ngelwimi ezintsha, baya kubeka izandla phezu kwemilwelwe iphile." (Marko 16:17-18). Konke enothi nikucele egameni lam ndiyakukwenza. (Yohane 14:13-14, 15:16, 16:23). U Petros wathi kwindoda eyazalwa isisiqhwala, egameni likaYesu Krestu umNazarete, vuka uhambe. Yesuka umtsi yema yahambahamba imdumisa uTixo. (Izenzo 3:1-9).

Yiyo lento kuthiwa igama lakhe ngumMangaliso, ngumCebisi, nguTixo oligora, nguSonini-nanini, ngumThetheli woxolo. (Isaya 9:6-7). U Tixo umphakamise kakhulu UYesu owandifelayo wakufela emnqamlezweni, kwaye umnike igama elingaphezu kwawo onke amagama, "Ukuze ngegama likaYesu onke amadolo agobe awabasemazulwini nawabasemhlabeni, nawabaphantsi komhlaba, zithi zonke iilwimi zixele ukuba uYesu Krestu uyiNkosi, ukuze kuzukiswe uTixo uYise. (AbaseFilipi 2:10-11).

"Ngokuba xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba yiNkosi uYesu wakholwange ntliziyo yakho ukuba uTixo wamvusa kwabafileyo wosindiswa." (AbaseRoma 10:8-11).

---

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:
EMAIL: info@angp.co.za
**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**
**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**
(A Gospel Literature Mission financed by donations)
(Reg. No. 1961/001798/08)